

**ISAZISO**

**1. INJONGO**

**Kukwazisa imibutho enomdla ngendlela iSebe lezoLimo eNtshona Koloni elizisa ngayo iinkonzo zalo kuluntu ngokunika amafama inkxaso ngendlela yalo entsha yempahla yorhwebo.**

**1.1) INDELELA YENKXASO:**

Isebe Lezolimo laqalisa ngendlela ejolise ekuxhaseni amashishini akhoyo namatsha. Le ndlela isekelwe kule mithetho siseko ilandelayo: • Ukusetyenziswa kweenkalo eziqwalasela ukuhanjiswa kwenkonzo • uhlobo olubanzi lwenkxaso elungelelanisiweyo • ukusetyenziswa kolawulo olumanyanisiweyo ngokumisela iinkqubo zocwangciso oluhlanganyelweyo, ukuqingqwa kwemali, imvume neenkqubo zokuphumeza • ukusetyenziswa ngokupheleleyo kubudlelwane ukuze kusetyenziswe amandla abathathi-nxaxheba abaphambili abangafumani nkxaso kurhulumente kwimibutho yempahla yorhwebo. Kufuneka le ndlela ibonwe njengefekisa ubonelelo ngeenkonzozo zenkxaso.

**1.2) IZIPHUMO ZOMGAQO-NKQUBO**

Iinkqubo zesebe Lezolimo eziphambili ziza kujonga iiprojekthi ngolu hlobo lulandelayo ngokunxulumene neziphumo ezifanelekileyo: iiprojekthi (ngakumbi iiprojekthi zorhwebo) kufuneka zifake isandla: • ekwandiseni imveliso nentengiso • ekukhuleni kwezoqoqosho nengqesho esisigxina • ukubumba ngokutsha umhlaba nokunxulumene nomhlaba • ukwanda kokuthunyelwa kwezinto kwelinye ilizwe nemveliso kwimarike • ukhuseleko lokutya • ukwanda kwezakhono kwicandelo • i-BEE (ikhadi lamanqaku) • ukugcinwa kwendawo esingqongileyo • kwaye ihambelane noMthetho wobuLungisa kwezeNgqesho, imithetho yabasebenzi nayo yonke eminye imithetho enxulumene nezolimo.

**2. IINDIDI ZAMAFAMA**

Isebe Lezolimo lizohlula-hlule iindidi zamafama ukuze iqinisekise ngenkxaso efanelekileyo yempahla yorhwebo kumafama. Ukukhuselwa kokutya kubantu bonke kullungelo eliphambili, ngoko ke iSebe liyazixhasa iiprojekthi zasekhaya nezoluntu. Iindidi zamafama zime ngolu hlobo lulandelayo:

IINDIDI	AmaFama angaLimeli Ntengiso		AmaFama Abangabanani		Amafama aRhwebayo		
Iindidi	Asezidolophini/	Ukuziphilisa ngeFama	Amafama asakhasayo	Amafama Asakhasayo n Nanamathuba kurhwebo	Amancinci	Aphakathi	Amakhulu
	Iprojekthi zaseKhalay nezasekuHlalani						

**2.1) IZINTO EZISETYENZISWAYO UKWAHLULA PHAKATHI KWEENDIDI ZAMAFAMA:**

<b>Irhafu:</b>	(1) Irhafu yeXabiso eloNgezelelweyo (VAT); (2) Ukulungela ukuxhuzulelwa umvuzo
<b>Injongo yeMveliso:</b>	(1) Imveliso yokusetyenziswa/yokuthengiswa; (2) Injongo yeFama; (3) Iimarike; (4) Ukuxhomekeka kwezolimo (imali ezinkozo)
<b>Ilungelokwizibonelelos:</b>	(1) Ilungelo lomhlaba; (2) Ilungelo kwinkunzi/imali umntu anayo

**3. INKQUBO YESICELO NOKWAMKELWA**

Inkonzo ezifanelekileyo ezinako ukuxhasa zonke iindidi zemfuno zamafama, ukuba ziqalise inkqubo yokugcwalisa iFom yokuFaka isicelo soncedo kwi-ofisi yesebe Lezolimo. Izicelo ziza kuhlolwa unyaka wonke ngokwendlela yeSebe, abafaki zicelo baza kwaziswa ngembalelwano ngeziphumo zokuhlolwa zesiThili /zePhondo. Inkqubo emayilandelwe ukuba izicelo zibe yimpumelelo ichaziwe ngezantsi kudidi ngalunye lamafama. Inkukacha zoqhagamshelwano yesebe Lezolimo zidwelisiwe ngezantsi:

**3.1) AMAFAMA ANGALIMELI NTENGISO, IIPROJEKTHI ZASEKUHLELANI NEZASEMAKHAYA:**

- Inkqubo:** Kufuneka amafama angalimeli ntengiso afake isiCwangciso sokuSebenza esiphelileyo kwaye amaphulo asekhaya nawokuvelisa ukutya ekuhlaleni kufuneka afake isiCwangciso sokuFekizisa ukuze amkelwe ngokupheleleyo. IGosa lokuSondezwa kweeNkonzo eLuntwini kwi-ofisi yakho ye-DoA lingakuncedisa ekuphuhliseni iziCwangciso zeFama nezokuFekizisa.
- Indlela yokuchonga amaFama angaLimeli Ntengiso: • Kufuneka imveliso ibe yeyokutya • Umhlaba ungangoqeshiweyo (isithuba seminyaka emi-5) okanye umhlaba ube ngowakho • Kufuneka abe namalungelo okufikelela emanzini • Kufuneka sibekho isiCwangciso seFama nesiCwangciso sokuSondezwa kweeNkonzo eLuntwini (ijeta ebhalwe liGosa lokuSondezwa kweeNkonzo eLuntwini) • Kufuneka iFom yeZicelo ifakwe kwaye ingqinwe yi-ofisi yesebe Lezolimo.
- Indlela yokuChonga iiprojekthi zaseKhaya nezasekuHlalani: • Kufuneka izicelo zifakwe koomasipala, amaSebe oPhuhliso oLuntu, kwiSebe lezeMpilo nelezeMfundo neMibutho eSekelwe ekuHlalani okanye iMibutho eSekelwe kwezeNkolo • Ilungelo eliphambili liza kunikwa abantu abangamahlwempu abakuhlulwa lukamasipala okanye ngokwenkchazelo yoonontlalontle, i-CBO nee-FBO • Kufuneka babe nelungelo lokufumana amanzi • Kufuneka babe nesivumelwano sokusebenzisa umhlaba ukuba igadi zinkulu kangangomlinganiselo wehektare enye nangaphezu koko • Kufuneka ixesha lokuqeshisa libe yiminyaka emi-5.

**3.2) ABANEFAMA EZINCINCI NAMAFAMA ARHWEBAYO:**

**Inkqubo:**

- Kufuneka kwenziwe isicwangciso sokusebenza ngokwamanqaku ali-13 esikhokelo sesiCwangciso sokuSebenza. IGosa lokuSondezwa kweeNkonzo eLuntwini kwi-ofisi yendawo yakho lingakunika izikhokhelo ngalo mcimbi.
- Ukugqitywa nokufakwa kwesiCwangciso sokuSebenza esiza kubandakanya iziPhakamiso zeProjekthil siza kuhlala siluxanduva lomfaki sicelo/ umfama.
- Kufuneka isiCwangciso sokuSebenza sifakwe kwi-ofisi yesebe Lezolimo ukuze sibhalwe phantsi ze sithunyelwe kwiKomiti yoLuntu ukuze icamngce ngaso yakugqiba isamkelwe.
- Ukuba isiCwangciso sokuSebenza samkelwe yiKomiti yempahla yorhwebo, umfaki sicelo uza kwaziswa ngembalelwano
- Ngaphambi kokuba ifama inikwe uncedo, ifama neprojekthi kufuneka zibhaliswe kwiRejista yeSebe yamaFama.
- Zonke iiprojekthi ziza kuba nomhlathi ochaza imiqathango emakuhlantatyewane nayo.
- Ukoyisakala ukukhawulelana nezi mfundo kuza kukhokelela ekupheleni kwenkxaso yesebe Lezolimo.
- Zonke iziCwangciso zokuSebenza kufuneka zibandakanye inkukacha ezinxulumene neenkalo ezikwithebyhile engasezantsi. Isikhokelo siyafumaneka kwi-ofisi yesebe Lezolimo.

<ul style="list-style-type: none"> <li>Uhlalutyo losele kuhanjwe</li> <li>Isicwangciso-qhinga sokuphuculwa kwendawo</li> <li>Isicwangciso-qhinga seZindlu</li> <li>Isicwangciso-qhinga sokuqalisa umsebenzi</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Isicwangciso-qhinga sokona kunguNdoqo weShishini</li> <li>Isicwangciso-qhinga sokuKhethe isilimo</li> <li>Isicwangciso-qhinga soqeqesho noXhutyiso ngeZakhono</li> <li>Ukulawulwa kweProjekthi nesiCwangciso-qhinga sokwenza umsebenzi</li> </ul>	<ul style="list-style-type: none"> <li>Isicwangciso-qhinga soPhuhliso</li> <li>Isicwangciso-qhinga seMarike</li> <li>Isicwangciso-qhinga sezibonelelo zokusebenza</li> <li>Isicwangciso-qhinga sobuNini nesokuSebenza</li> </ul>
--	--	--

**Indlela:** • Kufuneka izicelo zifakwe nawo wonke amaxwebhu ayimfuneko kwaye ziza kuhlolwa ngokweziphumo zomgaqo-nkqubo weSebe, okubhekiselwe kuwo ku-1.2.

**4. UXANDUVA LOMFAKI SICELO:**

**Ukwamkelwa kweprojekthi, umfaki sicelo/umntu ofumana uncedo kufuneka abe nesivumelwano neSebe esichaza ezi zinto zilandelayo:** imiqathango yokufekizisa • ukusetyenziswa kakuhle nangendlela efanelekileyo zonke izixhobo negalelo – izixhobo zingoxuthwa liSebe ukuba azisetyenziswa kakuhle • ilungelo kumaxwebhu ezimali zeprojekthi • ilungelo lokuba amagosa eSebe atyelele isiza • imiqathango yokubakho kweSebe kwiiprojekthi • ukubakho komfaki sicelo kwintlanganiselo zeprojekthi ngokunyanzelekileyo • ukuthatha inxaxheba ngokunyanzelekileyo kuphuhliso nokuqalisa kwesicwangciso seprojekthi yoqeqesho • ukunika inkxaso ngokuzithandela kwiiprojekthi ezitsala nzima zabafaki zicelo abaphumeleleyo.

**5. INKCUKACHA ZOQHAKAMSHELWANO:**

Igama	Isikhundla	Idilesi	I-ofisi	Ifeksi
Nksz Toni Xaba	Umlawuli wokuHlaliswa kweeFama	Private Bag X1, ELSENBURG, 7607, Muldersvlei Road	021 808-5101	021 808-5251
Mnu Jerry Aries	Umlawuli weeNkonzo zeNgcebiso nokuSondezwa kweeNkonzo eLuntwini		021 808-5332	021 808-5251
Mnu Mogale Sebopetsa	Umlawuli woKhuseleko loKutya		021 808-5103	021 808-7629
Mnu Faan Matthee	Umlawuli wesiThili i-Eden	Outeniqua Experimental Farm, Old Airport Road, George, 6529	044 803-3731	044 803-3709
Mnu Mzwanele Tola	Umlawuli wesiThili iCentral Karoo	Bird Street 104, Beaufort West, 6970	023 415-3157	023 415-2385
Mnu Adriaan Conradie	Umlawuli wesiThili iWest Coast	Lang Street 42, Moorreesburg, 7310	022 433-2330	022 433-2102
Mnu Phumlani Mentani	Umlawuli wesiThili iCape Metropole	No. 2 Old Paarl Road, 11th Floor, 22 Sunbel Building, Bellville, 7530	021 948-6966	021 948-4729
Mnu Lundi Kama	Umlawuli wesiThili i-Overberg	Albert Myberg Hostel, Golf Street, Bredasdorp, 7280	028 424-1439	028 424-2856
Mnu Jan Theron	Umlawuli wesiThili iCape Winelands	ABSA BUILDING, 4th Floor, Plein Street, Stellenbosch, 7600	021 883-2560	021 883-2562

